

I - Pulmonary Atresia

INkcazelo eMfutshane:

1. I-Pulmonary valve ivaleke gingci / akhange ibekhona.
2. Intliziyo encinci ekunene nevaluva engunxa-ntathu (tricuspid).
3. Umngxuma omncinci kwi-atrial septum.


Inkcazelo ngokubanzi:

Yintoni leyo?

I-Pulmonary Atresia, kukho indawo evulekileyo phakathi kwintliziyo esekunene nemibhobho ethwala igazi eliya emiphungeni. Igazi alingeni emiphungeni lisuka kwintliziyo esekunene njengoko bekufaneleke njalo.

Xa kusenzeka oku, inoba kukho imingxuma ekhoyo entliziyweni ebangela ukuba igazi lifumane enye indlela. Inoba kukho umngxuma eludongeni phakathi kwamacandelo ampompa igazi (amagunjana entliziyweni) kunye/okanye umngxuma eludongeni oluphakathi kwamacandelo aqokelela igazi (atria).

I-Pulmonary Atresia yingxaki engaqhelekanga, eyenzeka ngokulinganayo emakhwenkweni nasemantobazaneni.



Zithini iziphumo zayo?

Akekho umntu onokuphila ukuba igazi alifikeleli emiphungeni, kengoko kufuneka ibekhona enye indlela yokufika kwegazi emiphungeni. Oku kuye kwenzeka kumbhobho othi uqhagamshelise umbhobho othwala igazi eliya emzimbeni nasemiphungeni. Oku kuye kuvaleke ngokukhawuleza emva kokuba umntwana ezelve, kwiintliziyo eziqhelekileyo oku kulungile kodwa kule meko, umntwana akasayi kuphila ukuba ingavaleka. Unyango olwaziwa njenge-Prostaglandin E1 lunikwa umntwana luze luginwe lo mbhobho uvulekile de kwenziwe utyando. Ezi ntsana ziye zigule kakhulu.

Kunyangwa njani oku?

Unyango (umz. Prostaglandin E1) kufuneka lunikezelwe ngokukhawuleza emva kokuzalwa komntwana ukugcina i-Patent Ductus Arteriosus (umngxuma ophakathi kwamacala amabini amancinci aqokelela igazi entliziyo) evulekile. Kufakwa umbhobho phakathi konothumela wemiphunga kunye ne-aorta ekuvumeleni ukuhamba kwegazi ukuya emiphungeni. Kodwa ke, olu tyando sisenzo sethutyana sokusindisa umntwana nokumvumela ukuba akhule, emva koko, utyando lolungiso luye lwenziwe xa umntwana sele ekhulile.

Uhlobo lotyando luxhomekeka kwiinkcukacha zintliziyo yomntwana ngamnye. Ezinye kulula ukuzilungisa, ezinye kunzima kakhulu. Uggqira uya kucacisa iindlela ezohlukeneyo ezikhoyo zomntwana wakho ezisekelwe koko bathe bakufumanisa.